

## Celebrate picture books!

**November is International Picture Book Month – a time to celebrate those special books that capture our imagination with their carefully chosen words and beautiful illustrations. Picture books introduce our children to the world of literature. They also play a critical part in their development.**

Picture books are meant to be read aloud so this makes them the perfect reading resource for sharing stories with children. As we read aloud, we are also able to have conversations with our children about what we are reading, and we can invite them to comment on the story and ask questions about it. These conversations deepen children's understanding of the story. They also help children to learn about the way in which stories and books work.

Picture books offer children a language feast! Through the rhythm and rhyme in many of these books, children experience the sounds of our languages. The repetition in them (for example, "I'll huff and I'll puff and I'll blow your house down!"), allows children to join in by saying some of the words of the story, even before they are able to read. And, because picture books use fewer words than novels, the words that are chosen and how they are used, is very important. So, the rich use of language in these books develops and extends children's own use of spoken and written language.

And then there are the illustrations! Through the partnership between the words on the page and the pictures, children make meaning from what is being read to them and learn to enjoy stories. But they also learn to "read" pictures. They develop the skill of interpreting visual images, and you only have to think about the number of advertisements you see every day to understand what an important life skill that is!



## Ukubhiyozela iincwadi zemifanekiso!

**EyeNkanga yiNyanga yeeNcwadi zeMifanekiso yeZizwe ngeZizwe – ixesha lokubhiyozela ezo ncwadi zikhethekileyo nezivuselela umdla nemifanekiso-ntelekelelo yethu ngamagama azo akhethwe ngononophelo kunye nemizobo yazo emihle. Iincwadi zemifanekiso zazisa abantwana bethu kwilizwe loncwadi. Kananjalo zidlala indima ebaluleke kakhulu ekukhuleni kwabo.**

Iincwadi zemifanekiso zenzelwe ukufundwa ngokuvakalayo, ngoko ke oko kuzenza umthombo wokufunda ofanelekileyo wokwabelana nabantwana ngamabali. Njengokuba sifunda ngokuvakalayo, sikwanethuba lokuncokola nabantwana bethu malunga noko sikufundayo, kwaye siyakwazi nokubamema ukuba benze amagqabantshintshi ngebali ze babuze nemibuzo ngebali elo. Ezi noko zenza ukuqonda ibali kwabantwana kondele. Kananjalo zikwanceda abantwana ukuba bafunde malunga nendlela amabali kunye neencwadi ezisebenza ngayo.

Iincwadi zemifanekiso zihlinzeka abantwana ngolwimi! Ngobukho bezicengcelezo, isingqi nemvanosiphelo kuninzi lwezi ncwadi, abantwana bahlangana namava aliqela ezandi zeelwimi zethu. Uphindaphindo kuzo (umzekelo, "Ndiza kuvuthela, ndivuthela de ndiyiwise vovololo indlu yakho!") luvumela abantwana ukuba bakwazi ukungenelela ngokubiza amanye amagama ebali, nokuba abakakwazi ukuzifundela bona ngokwabo. Kwaye, nanjengoko iincwadi zemifanekiso zisebenzisa amagama

And finally there is that essential human quality of empathy. Picture books enable young children to join someone else's world just for a moment. They help children to begin learning how to step into someone else's shoes and to see life from a different perspective. Developing the ability to do this takes lots of practice, and picture books provide a safe place to start the process.

So, picture books may be entertaining and magical, but actually they're essential!

**Need help with choosing picture books for your children? Visit "Recommended reads" in our "Story supplies" section at [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).**



Picture books are the soul and foundation of who we become. Reading them with a child on our lap is one of the best ways to share our values. Every picture book is an opportunity.  
*Marc Brown, children's book author and illustrator*

Iincwadi zemifanekiso zibubomi nesiseko sabantu esiphuhla sibe ngabo. Ukuzifunda xa sisingathe umntwana yenye yeendlela ezibalasele kakhulu zokwabelana nabantwana nokubafundisa ngeenqobo zethu ezibalulekileyo. Iincwadi nganye yemifanekiso lithuba lokufunda okuthile.  
*NguMarc Brown, umbhali weencwadi zabantwana okwangumzobi*

ambalwa kuneenoveli, amagama akhethiweyo nendlela asetyenziswe ngayo, ibaluleke kakhulu. Ngoko ke, ukusetyenziswa kolwimi oluthebileyo kwezi ncwadi kuphuhlisa kwaye kwandisa ukusetyenziswa kolwimi oluthethwayo nolubhalwayo ngabantwana.

Hayi ke ngemizobo yazo! Ngentsebenziswano phakathi kwamagama asephapheni kunye nemifanekiso, abantwana bafumana intsingiselo koko bakufundelwayo baze bafunde nokonwabala amabali. Kodwa ke kananjalo, bayakufunda "nokufunda" imifanekiso. Baphuhlisa isakhono sabo sokutolika imifanekiso, kwaye kufuneka nje ucinge ngenani lezibhengezo-ntengiso ozibona yonke imihla ukuze uqonde ukuba sibaluleke kangakanani na esi sakhono!

Okokugqibela, kukho olwaa phawu lobuntu lubaluleke kakhulu kuthiwa luvelwano. Iincwadi zemifanekiso zanceda ukuba abantwana abancinane bakwazi ukuzibandakanya nelizwe lomnye umntu okomzuzwana. Zanceda abantwana ukuba baqalise ukufunda indlela yokungena ezihlangwini zomnye umntu ze bakwazi ukubona ubomi ngolunye uhlobo. Ukuphuhlisa isakhono sokwenza oku kuthatha ixesha elide lokuziqhelisa, ngoko ke iincwadi zemifanekiso zinikeza indawo ekhuselekileyo yokuqalisa le nkqubo.

Ngoko ke, iincwadi zemifanekiso zingade nje zibe zijongwa njengezonwabisi okanye zenza nje imimangaliswana engatheni, kodwa eneneni zona ziyimfuneko emandla!

**Ingaba ufuna uncedo lokukhethela abantwana bakho iincwadi zemifanekiso? Ndwendwela uluhlu oluthi, "Recommended reads" olukwicandelo lethu elithi, "Story supplies" ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).**



Drive your imagination

Join us in taking the power of stories to the next level. Let's go!  
Sijoyine ukuze siwenyusele kwinqanaba elilandelayo amandla amabali. Masiye!



# The Na'ibali bookshelf



# Ishelufa yeencwadi yakwaNa'ibali

In celebration of International Picture Book Month, here are a few of the latest children's picture books – as well as a comic book for older children – available in more than one South African language, published by South African publishers.


Xa ufuna ukubhiyozela iNyanga yeeNcwadi zeMifanekiso yeZizwe ngeZizwe, nazi iincwadi zemifanekiso ezimbalwa zabantwana zakutsha nje – ngokunjalo nencwadi yemifanekiso ehlekisayo yabantwana asele bekhulile – zifumaneka ngeelwimi zaseMzantsi Afrika ezingaphezulu kolwimi nje olunye, ezipapashwe ngabapapashi baseMzantsi Afrika.

## The elders at the door

**Author:** Maryanne Bester  
**Illustrator:** Shayle Bester  
**Publisher:** Jacana Media



Three elders come knocking at the door. They're tired, dirty and in need of a meal. But the family may only invite one of the visitors into their home. Who will it be? All families face obstacles and must make choices! This fable is told from West Africa to South Africa and is a tale that belongs to all of Africa and its people. *The elders at the door* is also available in Afrikaans, isiXhosa and isiZulu.



## Iinkonde emnyango

**Umbhali:** Maryanne Bester  
**Umzobi:** Shayle Bester  
**Umpapashi:** Jacana Media




Iinkonde ezintathu, zifike zankqonkqoza emnyango mzini uthile. Zidiniwe, zimdaka kwaye zilambile. Kodwa usapho lunokumema undwendwe olunye nje kuphela kuzo, ukuba lungene kwikhaya lalo. Iya kuba ngubani bethu? Zonke iintsapho zijongana nezithintelo kwaye kufuneka zikhethe okona kuzilungeleyo! Le ntsomi yodumo ibaliswa ukususela kwiNtshona Afrika ukuya eMzantsi Afrika kwaye yintsomi eyiyeye Afrika iphela kunye nabantu bayo. *Uinkonde emnyango* uyafumaneka nangesiNgesi, ngesiAfrikansi nangesiZulu.

## Nyambura waits for the bus

**Author:** Cath Alexander  
**Illustrator:** Catherine Groenewald  
**Publisher:** Jacana Media



Nyambura is going to visit her grandmother. She arrives at the bustling market place to find that she is last in the queue and that the bus has not yet arrived. While she waits for the bus, Nyambura remembers the fun things that she and her grandmother have done together. Meanwhile, the queue of people is getting shorter and shorter because of disaster that strikes each of the waiting passengers. *Nyambura waits for the bus* highlights the importance of doing good deeds for others and the special relationship that exists between a grandmother and her grandchild. It is also available in Afrikaans, isiXhosa and isiZulu.




## UNyambura ulinde ibhasi

**Umbhali:** Cath Alexander  
**Umzobi:** Catherine Groenewald  
**Umpapashi:** Jacana Media



UNyambura uza kutyelela umakhulu wakhe. Ufika kwimakethe ephithizelayo aze afumanise ukuba ungowokugqibela etyhwini yabantu abalinde ixesha lokufika kwebhasi kwaye phofu naloobhasi ayikafiki nokufika. Esalinde ibhasi njalo, uNyambura ukhumbula izinto zolonwabo awakhe wazenza kunye nomakhulu wakhe. Ngelo xesha ityhu yabantu abalindileyo iya ibamfutshane ngokuba mfutshane ngenxa yentlekele ebetha umntu ngamnye kubahambi abo balindileyo. Le ncwadi ithi, *UNyambura ulinde ibhasi* iqaqambisa ukubaluleka kokwenzela abanye abantu izinto ezilungileyo kunye nobudlelwane obubodwa obukhoyo phakathi kukamakhulu nomzukulwana wakhe. Kananjalo iyafumaneka nangesiNgesi, ngesiAfrikansi nangesiZulu.




## The baby brother curse

**Author:** Michelle Sacks  
**Illustrator:** Carla Kreuser  
**Publisher:** Bumble Books



When a young girl hears that her mother is pregnant with a baby boy, she thinks this is the worst news in the world! She imagines her brother to be terrible and smelly, and spends nine months dreading his arrival. But things change when he is born. This picture book is also available in Afrikaans.



## The baby brother curse

**Umbhali:** Michelle Sacks  
**Umzobi:** Carla Kreuser  
**Umpapashi:** Bumble Books




Xa intombazana encinane isiva ukuba umama wayo ukhulelwe usana oluyinkwenkwe, icinga ukuba zezona ndaba zimbi ezo ehlabathini! Icingela umntakwayo njengomntu oza kuba mbi noza kunuka, ize ichithe iinyanga ezilithoba zonke ikucaphukela ukuza nokufika kwakhe. Kodwa izinto ziyaguquka akuzalwa. Le ncwadi yemifanekiso ifumaneka ngesiNgesi nangesiAfrikansi.

## Surprise! Surprise!

**Author and illustrator:** Niki Daly  
**Publisher:** Tafelberg



One day Mr Tati brings home a surprise – a sweet little piglet with a rosy face and a curly tail! Mr and Mrs Tati love their pig baby, but what will happen when the piglet goes to school? *Surprise! Surprise!* is a humorous story that shows that families are what you make them, and love is what matters most. It is also available in Afrikaans.



## Surprise! Surprise!

**Umbhali nomzobi:** Niki Daly  
**Umpapashi:** Tafelberg



Ngenye imini uMnumzana Tati ufika ekhaya nommangaliso ongalindelekanga – intshontsho lehagu elithandekayo elincinane kwanelinobuso obunobala lerozi nomsila ophotheneyo! UMnumzana noNkosikazi Tati bayaluthanda usana lwabo olulintshontsho lehagu, kodwa kuza kwenzeka ntoni xa intshontsho lehagu lisiya esikolweni? *USurprise! Surprise!* libali elihlekisayo nelibonisa ukuba iintsapho ziyinto ozenza ukuba zibe yiyo, kanti uthando yeyona nto ixabisekileyo. Eli bali lifumaneka ngesiNgesi nangesiAfrikansi.

## Kwezi

**Author and illustrator:** Loyiso Mkize  
**Publisher:** David Philip Publishers



*Kwezi* is the story of a teen hero from Gold City who has to face his own insecurities. This compilation of three comics focuses on the theme of the responsibilities of family, friends and civilization. *Kwezi* is also available in isiXhosa and isiZulu.



## Kwezi

**Umbhali nomzobi:** Loyiso Mkize  
**Umpapashi:** David Philip Publishers



*UKwezi* libali leqhawe elikwisigaba sabafikisayo laseGold City elifanele ukujongana neenkxalabo zalo. Le ntlanganisela yamabali amathathu ahlekisayo igqalisele kumxholo wemithwalo eluxanduva losapho, abahlobo nempucuko. *UKwezi* uyafumaneka nangesiNgesi nesiZulu.

## It's Buy-Nothing Day!

Do your children have a special place to keep the books they enjoy reading? This year on Buy-Nothing Day (25 November), let them use and reuse materials around them to make their own Story Power book boxes. They can keep their boxes next to their beds so that reading and books become a part of their everyday life – something they think of as they shut their eyes at night and again when they wake up in the morning! Encourage them to keep their Nal'ibali Supplement cut-out-and-keep books, as well as other books they enjoy in their special boxes.



### You will need:

- ★ a shoebox
- ★ old magazines and newspapers
- ★ glue
- ★ scissors
- ★ paper and crayons (optional)
- ★ a reading log sheet



### What to do

1. How do your children picture their lives as adults? For example, what kind of work do they want to do and where would they like to live? Let their imaginations soar as you talk about these things with them.
2. Give your children some old magazines and newspapers. Let them cut out pictures and words that represent their dreams and goals, as well as who they are now, for example, things they enjoy doing now, their favourite colours or their favourite Nal'ibali characters. (Visit the "Story supplies" section at [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) to download pictures of the Nal'ibali characters.) You can also suggest that they draw their own pictures if they want to.
3. Let them turn a shoebox into a personal Story Power book box by pasting their cut out words and pictures on the outside and inside of the box.
4. Next, give them a reading log sheet to paste onto the inside of the lid so that they can record the books they read. You can download a "Books I've read" log sheet from the "Story supplies" section of our website ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). Or, you can make your own, by dividing a blank sheet of paper into three columns and labelling the columns like this: Name of book, When I read it, What I liked about it. The log will show the children how many books they have read and this is a great way to motivate them to keep on reading!
5. Ask your children to finish off their boxes by creating a name plate. Let them write their names in a decorative way on small pieces of paper, or cut out the letters that spell their names to stick on the outside of the box.

## Lusuku lokungaThengi-Nto!

Ingaba abantwana bakho banendawo ekhethekileyo abagcina kuyo iincwadi abonwabela ukuzifunda? Kulo nyaka ngoSuku lokungaThengi Nto (olungomhla wama-25 kweyeNkanga), vumela abantwana bakho ukuba basebenzise kwaye baphinde bahlaziye izinto abanazo ukuzenzela ezabo iibhokisi zeencwadi zeStory Power. Iibhokisi zabo bangazibeka ecaleni kweebhedi zabo ukuze ukufunda neencwadi kube yinxalenye yobomi babo bemihla ngemihla – into abacinga ngayo xa belala ebusuku kwanabacinga ngayo xa bevuka kusasa! Bakhuthaze ukuba bagcine iincwadi abanokuzisika-ze-bazigcine zoHlelo lwabo lukaNal'ibali kwakunye nezinye iincwadi abazonwabelayo kwiibhokisi zabo.

### Uza kudinga:

- ★ ibhokisi yezihlangu
- ★ iimagazini kunye namaphephandaba amadala
- ★ iglu
- ★ isikere
- ★ iphepha kunye neekhrayoni (azinyanzelekanga)
- ★ icwecwe lokuqalisa nokurekhodisha iincwadi eziza kufundwa



### Ekufuneka kwenziwe

1. Ingaba abantwana bakho babubona njani ubomi babo xa bengabantu abadala? Umzekelo, ingaba bafuna ukwenza msebenzi mni ukukhula kwabo okanye ingaba bangathanda ukuhlala phi na? Vumela intelekelelo yabo ibhadule xa uthetha ngezi zinto kunye nabo.
2. Nika abantwana bakho iimagazini namaphephandaba amadala. Mabasike imifanekiso kunye namagama abonisa amaphupha neminqweno ngamakamva abo kwakunye neenjongo zabo, kwakunye nobubona ngalo mzuzu, umzekelo, izinto abakonzelayo ukuzenza ngoku, eyona mibala bayithandayo okanye oyena mlinganiswa wakwaNal'ibali bamthandayo. (Ndwendwela icandelo elithi, "Story supplies" ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) ze uzikopele imifanekiso yabalinganiswa bakwaNal'ibali.) Kananjalo unokubacebisa ukuba bazobe eyabo imifanekiso ukuba bayafuna.
3. Bavumele baguqule ibhokisi yezihlangu ibe yibhokisi yeencwadi yeStory Power eyiyeyabo ngokuthi bancamathele amagama abawasikileyo nemifanekiso ngaphandle nangaphakathi kule bhokisi.
4. Into elandelayo kukubanika uluhlu lokurekhodisha iincwadi abaza kuzifunda ukuze baluncamathele ngaphakathi esicikweni ukuze bamakishe kulo ezo ncwadi bazifundileyo. Ungazikopela uluhlu lokurekhodisha iincwadi ezifundwayo, oluthi, "Books I've read" kwicandelo lethu elithi, "Story supplies" kwiwebhusayithi yethu ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). Okanye, ungazenzela olwakhlo, ngokwahlula iphepha elingabhalwanga libe nemiqolo emithathu uze uyibhale ngolu hlobo: Igama lencwadi, Ndiyifunde nini, Endakuthandayo ngayo. Olu hlu lokurekhodisha luza kubonisa abantwana iincwadi abazifundileyo kwaye le yeyona ndlela ilungileyo yokubakhuthaza ukuba baqhubeke befunda!
5. Cela abantwana bakho bazigqibezele iibhokisi zabo ngokubhala amacwecwe anamagama abo. Mababhale amagama abo ngendlela ehombisayo kumaphetshana amancinane, okanye basike oonobumba abapela amagama abo ukuze babancamathele kumphandle wale bhokisi.

### NAL'IBALI ON RADIO!

Tune into the following radio stations to enjoy listening to stories on Nal'ibali's radio show!

**Ikwewezi FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.45 a.m.

**Lesedi FM** on Monday, Tuesday and Thursday at 9.45 a.m.

**Ligwalagwala FM** on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

**Munghana Lonene FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.35 a.m.

**Phalaphala FM** on Monday to Wednesday at 11.15 a.m.

**RSG** on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

**SAfm** on Monday, Wednesday and Friday at 1.50 p.m.

**Thobela FM** on Tuesday and Thursday at 2.50 p.m., on Saturday at 9.20 a.m. and on Sunday at 7.50 a.m.

**Ukhozi FM** on Wednesday at 9.20 a.m. and on Saturday at 8.50 a.m.

**Umhlobo Wenene FM** on Monday to Wednesday at 9.30 a.m.

**X-K FM** on Monday, Wednesday and Friday at 9.00 a.m.



### UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Ngena, umamele ezi zikhululo zikanomathotholo zilandelayo ukuze wonwabele amabali kwinkqubo kaNal'ibali esasazwa kunomathotholo!

**KuIkwewezi FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.45 kusasa.

**KuLesedi FM** ngoMvulo, ngoLwesibini nangoLwesine ngo-9.45 kusasa.

**KuLigwalagwala FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

**KuMunghana Lonene FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.35 kusasa.

**KuPhalaphala FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-11.15 kusasa.

**KuRSG** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

**KuSAfm** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-1.50 emva kwemini.

**KuThobela FM** ngoLwesibini nangoLwesine ngo-2.50 emva kwemini, ngoMgqibelo ngo-9.20 kusasa nangeCawe ngo-7.50 kusasa.

**KuUkhozi FM** ngoLwesithathu ngo-9.20 kusasa nangoMgqibelo ngo-8.50 kusasa.

**KuUmhlobo Wenene FM** ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.30 kusasa.

**KuX-K FM** ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.00 kusasa.





## Get story active!

Here are some ideas for using the two cut-out-and-keep picture books, *Swimmy* (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12) and *Listen!* (pages 9 and 10), as well as the Story Corner story, *Granny's roast chicken* (pages 13 and 15). Choose the ideas that best suit your children's ages and interests.

### Swimmy

In this story, a little black fish who is alone and frightened, meets new friends in the ocean, and finds a new school of red fish to swim with. Swimmy helps them to work together, and comes up with a way to protect them from being eaten by the big fish. *Swimmy* emphasises the meaning of community and how we can work together to solve problems.

★ After you have read the story together, discuss it with your children. For example, you could ask:

- ☉ How else could Swimmy have solved the problem of small fish being eaten by bigger fish?
- ☉ Why do you think Swimmy offered to be the eye of the fish?
- ☉ Could one of the big fish at the end of the story be the tuna fish from the beginning of the story?
- ☉ Can you remember a time when you worked together with others to solve a problem together? What did that feel like?

★ Many of the pictures in the book have been created by using stamps. Encourage your children to do this too. Let them create their own pictures by dipping different things into paint and then pressing them down on a sheet of paper. Here are some things you can use as stamps: fingers and thumbs; the cut-off tops of vegetables, like onions and carrots; small cardboard boxes; milk bottle tops or jar lids.

★ Let your children use playdough, clay and/or Plasticine to make the characters from the story and an underwater scene. Encourage them to use these to retell the story in their own way.

### Listen!

This little book explores different sounds that people and animals make. Younger children will enjoy this book, but you can use it with older children too. Suggest that they read it in their mother-tongue first and then in the other language of the supplement.

- ★ As you read the book with younger children, make the animal sounds together and find the yellow birds on each page. Talk about what the birds are doing.
- ★ With older children, read the animal sounds in both languages. Encourage them to compare the similarities and differences between the sounds.
- ★ Suggest that your children make their own "sound" books. They could focus on animal sounds or other sounds they enjoy.

### Granny's roast chicken

Granny arrives at Zahara's house with a roast chicken for Sunday lunch. But Zahara's mother gets a surprise when she takes it out of the bag, and then one misunderstanding leads to another, and to another!

- ★ Talk about the story with your children. Together discuss questions like these:
  - ☉ What made Mama think that it wasn't Granny who had eaten the chicken drumstick?
  - ☉ Why do you think Mama didn't see Daddy eating it?
  - ☉ Has anything similar to this ever happened in your home?
- ★ At the beginning of the story, Zahara was drawing a picture. What do you think she was drawing a picture of? Draw her picture!

## Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye iingcebiso zokuzisebenzisa iincwadana ezimbini zemifanekiso onokuzisika-ze-uzigcine, *UMasidade* (okwiphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11 nele-12) kunye no*Masimamele!* (okwiphepha le-9 nele-10), kwakunye nebali elikwiNdawo yamaBali, *uInkukhu egcadiweyo kaMakhulu* (okwiphepha le-14 nele-15). Khettha iimbono ezihambelana nobudala kunye nemidla yabantwana bakho.

### UMasidade

Kweli bali, intlanzi encinane emnyama elilolo futhi eyoyikayo, ihlangana nabahlobo abatsha kulwandlekazi, ize ifumane nesikolo esitsha seentlazi ezibomvu enokudada nazo. *UMasidade* uzanceda ezi zihlobo ngokuzenza zisebenzisane, futhi uza nendlela yokuzikhuselela ukuze zingatywa ziintlanzi ezinkulu. *UMasidade* ugxininisa kwintsingiselo yokubaluleka kwentlalo yoluntu kwaneendlela esinokuzisebenzisa sikunye ukusombulula iingxaki.

★ Emva kokufunda ibali kunye, xoxa ngalo kunye nabantwana bakho. Umzekelo, unokubabuza wenjenje:

- ☉ Yeyiphi enye indlela uMasidade ebenokusombulula ngayo ingxaki yeentlanzi ezincinane ukuze zingatywa ziintlanzi ezinkulu?
- ☉ Yintoni isizathu esibangele ukuba uMasidade azinikezele ekubeni liliso leentlanzi?
- ☉ Ingaba enye yeentlanzi ezinkulu ekupheleni kwebali inokuba yintlanzi yetyhuna ekuthethwe ngayo ekuqaleni kwebali?
- ☉ Ingaba likhona ixesha osalikhumbulayo apho wawusebenzisana kunye nabanye abantu ukusombulula ingxaki? Kwakuvakala njani oko kuwe?

★ Imifanekiso emininzi kule ncwadi iyilwe ngokusebenzisa izitampu. Khuthaza abantwana bakho ukuba nabo bakwenze oku. Mabayile imifanekiso yabo ngokuthi nkxu izinto ngezinto epeyintini baze bazicinezele phezu kwephepha. Nazi ezinye izinto onokuzisebenzisa njengezitampu: iminwe noobhontsi; imiphezulu yemifuno esikiweyo ze yasuswa, njengentloko yetwele neyomnqathe; iibhokisi ezincinane zekhadibhodi; izivingco zeebhotele zobisi okanye izivalo zeejagi.

★ Abantwana bakho mabasebenzise intlama yokudlala, udongwe kunye/okanye iplastisini ukuze babambe abalinganiswa abasebalini kunye nemeko okanye umboniso wangaphantsi kwamanzi. Bakhuthaze ukuba basebenzise ezi zinto ukuze babalise ngokutsha ibali ngendlela ethandwe ngabo.

### Masimamele!

Le ncwadana iqwalasela izandi ezahlukahlukeneyo ezenziwa ngabantu nazizilwanyana. Abantwana abancinane bangayonwabela le ncwadi, kodwa unakho nokuyisebenzisa nasebantwaneni abadadlana. Bacebise ukuba baqale bayifunde ngolwimi lwabo lwasekhaya ze bandule ukuyifunda ngolunye ulwimi lohlelo.

- ★ Xa ufundela abantwana abancinane incwadi, zilinganiseni izandi ezenziwa izilwanyana nikunye ze nikhangele iintaka ezityheli ezikwiphepha ngalinye. Thethani ngezinto ezenziwa ziintaka.
- ★ Xa usebenza nabantwana abadadlana, fundani izandi ezenziwa zizilwanyana ngazo zombini iilwimi. Bakhuthaze ukuba bathelekise izinto ezifana ngazo nezahluke ngazo ezi zandi.
- ★ Cebisa ukuba abantwana bakho benze iincwadi "zezandi" ezizezabo. Banokugqalisela kwizandi zezilwanyana okanye kwezinye nje izandi abazithandayo.

### Inkukhu egcadiweyo kaMakhulu

UMakhulu ufika kuloZahara ebaphathele inkukhu egcadiweyo yesidlo sasemini sangeCawa. Kodwa umama kaZahara ugagana nommangaliso omothusayo xa eyikhupha ebhegini, ze ke kuqale ukungaqondani nokubhideka okukhokelela kokunye, kunye nokunye!

- ★ Ncokolani ngebali lakho nabantwana bakho. Ninonke xoxani ngemibuzo efana nale ilandelayo.
  - ☉ Yintoni eyenze uMama alinge ukuba yayingengoMakhulu owayetye umlenze wenkukhu?
  - ☉ Ucinga ukuba kutheni uMama engambonanga uTata xa ewutya lo mlenze?
  - ☉ Yakhe yenzeka into efana nale kokwenu?
- ★ Ekuqaleni kwebali, uZahara uzoba umfanekiso. Ucinga ukuba uzoba ntoni emfanekisweni? Zoba umfanekiso wakhe!


### Create TWO cut-out-and-keep books

#### Listen!

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

#### Swimmy

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

#### Masimamele!

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcama yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.

#### UMasidade

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha le-7 nele-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Wasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcama yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.



Drive your imagination



an eel whose tail was almost too far away to remember ...  
 wabona impalanga eyayimnsila okude kakulu ukuba  
 ubani angawukhumbula nokuba ukhona ...



We publish what we like

This is an adapted version of *Swimmy* published by Jacana Media and available in bookstores and online from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). This story is available in isiXhosa, isiZulu, Sesotho, English and Afrikaans. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Funda ibali eliyintsusa elithi, *UMasidade* elishicilelwe yiJacana Media kwaye lifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-online ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). Eli bali lifumaneka ngesiXhosa, ngesiZulu, ngesiSutho, ngesiNgesi nangesiAfrikansi. IJacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile zeJacana yiya ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).


© Jacana Media (South African rights only) Tel: 011 628 3200



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa lokuvuselela oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



# Swimmy UMasidade

Leo Lionni  
Xolisa Guzula



a forest of seaweeds growing from sugar-candy rocks ...  
 wabona ihlathi loyani lolwandle elikhula kumaye aswiti ...



A happy school of little fish lived in a corner of the sea somewhere. They were all red. Only one of them was as black as a mussel shell. He swam faster than his brothers and sisters. His name was Swimmy.


Iqela elonwabileyo leentlanzi ezincinane lalahlala kwikona ethile yolwandle. Zonke zazibomvu ngombala. Yayinye kuphela kuzo eyayimnyama okweqokobhe likanokrwece. Yayidada ngokukhawuleza kunoodadewayo nabantakwayo. Igama layo yayinguMasidade.





and sea anemones, who looked like pink palm trees swaying in the wind.



Zaze ke zonke iintlanzi zadada kunye kumanzi aphilileyo akusasa nakwingqatsini yelanga lasemini zaze ... zazigxothela kude iintlanzi ezinkulu.




wabona kunye ncentyanyambo ezaziwa ngokuba  
 zianemoni zaselwandle, ezazikhangeleka okwemithi  
 epinki yamasundu eshukunyiswa ngumoya.



And so they swam in the cool morning water and in the  
 midday sun and chased the big fish away.



wabona intlanzi engaqhelekanga, eyayitsalwa ngumsonoto ongabonakaliyo ...




strange fish, pulled by an invisible thread ...

One bad day a tuna fish, swift, fierce and very hungry, came darting through the waves. In one gulp he swallowed all the little red fish. Only Swimmy escaped.



Then, hidden in the dark shade of rocks and weeds, he saw a school of little fish, just like his own.  
"Let's go and swim and play and SEE things!" he said happily.  
"We can't," said the little red fish. "The big fish will eat us all."  
"But you can't just lie there," said Swimmy. "We must THINK of something!"

Ze wabona umhlambi weentlanzi ezincinane ezifana nezakokwabo zizifihle emthunzini omyama wamanye nokhula.  
"Masidadi, sidlale SIBONE izinto!" watsho onwabile.  
"Ngeke sikwazi," zatsho intlanzi ezincinane ezibomvu. "Intlanzi ezinkulu ziza kusitya sonke."  
"Kodwa aninakusuka nihlale nje apho," watsho uMasidadi. "Kufuneka SICINGE icebo."



zaze zathi xa sele zifundile ukudada kunye njengentlanzi enye enkulukazi, wathi uMasidadi, "Ndiza kuba liliso ke mna."


Iinkomo ziyaxakama.

Cows moo.



Iibhokhwe ziyakhala.

Goats bleat.



... iinyekevu azenzi zandi kwaphela.

... and snails make no sound at all.




Iingonyama ziyagquma ...

Lions roar ...



# Listen! Masimamele!



Carole Bloch  
Jean Fullalove  
Xolisa Guzula



Reproduced by kind permission of The Little Hands Trust and the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA). To find out more about PRAESA, go to [www.praesa.org.za](http://www.praesa.org.za).

Ipapashwe ngokutsha ngemvume yabakwaThe Little Hands Trust neProject for the Study of Alternative Education in South Africa (iPRAESA). Ukuze ufumane ulwazi oluthe vetshe ngabakwaPRAESA, ndwendwela ku-[www.praesa.org.za](http://www.praesa.org.za).



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa lokuvuselela oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




Izinja ziyakhonkotha.

Dogs bark.




Iinyoka ziyafutha.

Snakes hiss.




Crickets chirp.  
Iinyenzane ziyakrikriza.




Mice squeak.  
Iimpuku ziyatswitswiza.

Oobhabha bayabhidla ...



Babies babble ...



... and children talk.  
... nabantwana bayathetha?



a lobster, who walked about like a water-moving machine ...  
 wadona unonkala owaziwa ngokuba ngukorofishi, owayehamba-hamba ngathi ngumatshini ohamba ngamanzi ...



and when they had learned to swim like one giant fish, he said, "I'll be the eye."


Ngenye imini eyayimbi, intlanzi eyityhuna, eyayikhawuleza, ibonakala inoburhalarhume kwaye ilambile yayilakatyula emazeni isiza ngakuzo. Yabimbiliza iintlanzi ezibomvu ezincinane. Yaba nguMasidade kuphela owasabayo.



But the sea was full of wonderful creatures, and as he swam from marvel to marvel, Swimmy was happy again. He saw a medusa made of rainbow jelly ...

Kodwa ulwandle lwalgcwele izilo ezimangalisayo, waze ngelixa equbha esuka kwindawo eyonwabisayo esiya kwenyanga, uMasidade wonwaba kwakhona.

Wabona igongqongqo elinencwele zezeli enemibala-bala ...



Swimmy thought and thought and thought. Then suddenly he said, "I have it! We are going to swim all together like the biggest fish in the sea!" He taught them to swim close together, each in his own place,

Swimmy swam away in the deep wet world. He was scared, lonely and very sad.

UMasidade wadada wemka etshona kwicala elinzulu lelizwe lakhe. Wayesoyika, eyedwa kwaye elusizi.


UMasidade wacinga, wacinga, wacinga.

Ngephanyazo wathi, "Ndilifumene icebol! Siza kudada sonke ngokudibeneyo, sibe ngathi siyeyona ntlanzi inkulu elwandle!"

UMasidade wazifundisa iintlanzi ukudada ngokuqundeneyo, kodwa zingagxalathelani – intlanzi nentlanzi ibe sendaweni yayo,

# Granny's roast chicken

By Helen Brain  Illustrations by Vian Oelofsen



It was Sunday morning and Zahara was drawing a picture in her bedroom. *Ding dong*, the front doorbell rang. Zahara ran to open the door. It was her granny.

"Hello, Granny," she said, giving her grandmother a hug.

"I bought a roast chicken from the supermarket," said Granny. The chicken was packed in a big white packet and it felt warm when Zahara touched it. It smelled wonderful!

"Oh good," said Zahara's mother coming towards the door. "Put it on the kitchen counter, and we'll eat it for lunch."

"I can't wait to eat it," said Zahara. "It smells so yummy."

"I'll make some tea," said Daddy from the kitchen. "You three can sit on the couch and relax. Why don't you watch TV?"

Just then Zahara heard her father's cellphone ring and then she heard him talking on the phone.

"I have to go to work," said Daddy walking to the front door. "I'll be back later."

Granny and Mama were busy watching their favourite TV program.

"Bye," said Mama.

"Bye," said Granny.

Zahara was drawing. "Bye, Daddy," she said.

Soon Granny and Mama's TV program was over and it was lunchtime. Mama went to the kitchen to fetch some bread, salad and the roast chicken. She opened the packet, took out the chicken and put it on a plate. Oh! Mama's eyes went wide with shock. Something was missing! One of the drumsticks was gone.



"Zahara," she called. "Come here, right now."

Zahara knew that when Mama called her in that cross voice, she had to run. Quickly, she put down her crayon and hurried to the kitchen. "What's wrong, Mama?" she asked.

"Did you eat a drumstick? Someone has pulled off a whole drumstick and eaten it," said Mama pointing to the chicken.

"No, Mama," said Zahara. "I promise, it wasn't me."

"Are you sure?" asked Mama.

"I'm VERY sure, Mama," said Zahara looking worried.

Mama didn't say anything else. Instead, she went outside to where Uncle Joe was mending his car.

"Joe, did you eat the drumstick from the chicken?" she asked.

Uncle Joe had the radio turned up loud. "What did you say?" he shouted.

"DID YOU EAT THE DRUMSTICK FROM THE CHICKEN?" shouted Mama above the music.

"Yes, please, I'd like some chicken, and a glass of cooldrink too," he yelled.

Mama sighed. She went to the big mango tree in the corner of the garden. Zahara's younger brother, David, and his best friend, Lebo, were playing in the branches.

"David," said Mama, "did you eat the drumstick from the chicken?"

"Oh good, is it lunchtime?" said David. "We're so hungry."

"Did you eat the drumstick?" asked Mama again.

"No, Mama," said David.

"He didn't," said Lebo. "We've been playing in the tree all the time."

Mama went back into the house. She was very upset. "So, nobody ate the drumstick," she said. "Then where can it be?"

"Maybe the lady at the supermarket took it," Zahara suggested.

Mama clapped her hands. "Of course! That's what happened! The lady at the supermarket who sold the chicken to Granny must have pulled it off and given it to someone else."



"Oh no," cried Granny. "I asked her for a whole roast chicken. I paid for a whole roast chicken, and now she has taken some of it. And we haven't got enough for lunch." Granny began to cry.

Zahara was so sad to see Granny crying that she began to cry too. That set Mama off. All three of them sat and cried and cried.

Then Mama blew her nose and dried her eyes. "This won't do!" she said. "Supermarkets are not allowed to do that. We will go back to the supermarket and tell them that they must give us another roast chicken."

So, Mama, Granny and Zahara set off for the supermarket, while Uncle Joe kept an eye on David and Lebo.

"I'd like to speak to the manager," said Mama when they got there. She used her cross voice, and the manager came running.

"How can I help you, Madam?" he asked.

"Somebody took the drumstick from our chicken!" cried Mama, Granny and Zahara together.

"That is very serious," said the manager. "I'll call the woman from the roast chicken counter." He picked up the intercom and said, "Roast Chicken Counter Woman, Roast Chicken Counter Woman, please come to the manager's office urgently."



Mama tapped her foot and waited. Soon the woman from the roast chicken counter came running in. "Can I help you?" she asked.

"This customer says you took the drumstick from her roast chicken," said the manager.

"No, I didn't," said the woman. "I put the whole roast chicken in the packet and gave it to Granny."

"Oh no, no, no!" said Mama. "When I opened the bag with the chicken in it at home the drumstick was gone!"

The woman quivered and quaked in her shoes. "I didn't take it, I promise. I didn't," she said.

The manager was very angry. "Fetch these people another roast chicken right away," he bellowed. "Granny, I will give you a whole new roast chicken for free, and a chocolate cake, to say sorry."



Continued on page 15.



Libali likaHelen Brain  Imifanekiso izotywe nguVian Oelofsen

Kwakukusasa ngeCawa ngethuba uZahara wayezoba umfanekiso egumbini lakhe lokulala. *Nting nting*, yakhala intsimbi yokunkqonkqoza kumnyango ongaphambili. Wabaleka waya kuvula ucango uZahara. Yayingumakhulu wakhe lowo wayenkqonkqoza.

“Molo, Makhulu,” watsho, esanga umakhulu wakhe.

“Ndithenge inkukhu egcadiweyo kubhazabhaza wevenkile,” watsho uMakhulu. Inkukhu yayifakwe kwibhegi enkulu emhlophe kwaye yayivakala iseshushu xa eyibamba uZahara. Ivumba layo lalisithi ‘nditye’!

“He-ke!” utshilo umama kaZahara esondela emnyango. “Yibeke etafileni yasekhitshini, siza kuyitya ngesidlo sasemini.”

“Siya kuyitya kudala,” watsho uZahara. “Inuka kamnandi kakhulu.”

“Ndiza kwenza iti,” utshilo uTata esekhitshini. “Nina nobathathu ningahlala apho esofeni, niphumle. Beningethandi ukubukela iTV?”

Kuthe kusenjalo uZahara weva iselula katata wakhe ikhala waze wamva ethetha efowunini.

“Kufuneka ndiye emsebenzini,” watsho uTata esiya kumnyango ongaphambili. “Ndiza kubuya ethubeni.”

UMakhulu noMama babengayisanga so kangako leyo, koko babebukele eyona nkqubo bayithandayo yeTV.

“Uhambe kakuhle,” watsho uMama.

“Uhambe kakuhle,” watsho uMakhulu.

UZahara wayezoba. “Uhambe kakuhle, Tata.” watsho.

Kungekudala yaphela inkqubo yeTV kaMakhulu noMama, kwabe sekulixesha lesidlo sasemini. UMama waya ekhitshini, esiya kulanda isonka, isaladi kunye nenkukhu egcadiweyo. Wavula ibhegi, wakhupha inyama yenkukhu waze wayibeka epleyitini. Yho! Amehlo kaMama athi gqa-a-a kukothuka. Kwakukho into engekho! Wawungekho omnye umlenze.



“Zahara!” wakhwaza. “Yiza apha, khawuleza ngoku.”

UZahara wayesazi ukuba xa uMama emkhwaza ngelizwi elivakala linomsindo, kufuneka eze ngokukhawuleza. Msinyane, wabeka phantsi ikhrayoni yakhe, wakhawuleza ukuya ekhitshini. “Kwenzeka ntoni, Mama?” wabuza.

“Utyiwe nguwe umlenze wenkukhu? Kukho umntu okhuphe umlenze wonke wawutya,” watsho uMama esalatha inkukhu.

“Hayi, Mama,” watsho uZahara. “Ndiyakuthembisa, asindim.”

“Uqinisekile?” wabuza uMama.

“Ndiqiniseke KAKHULU, Mama,” watsho uZahara ebukeka ekhathazekile.

UMama zange aphinde athethe nto. Endaweni yoko, waphuma phandle waya kwindawo uMalume uJoe awayelungisela kuyo imoto yakhe.

“Joe, utyiwe nguwe umlenze wenkukhu ekhitshini?” wabuza uMama.

UMalume uJoe wayengxolelwa ngunomathotholo awayewuvulele phezulu. “Andiva!” wakhwaza esitsho.

“UTYIWE NGUWE NA UMLENZE WENKUKHU?” kwakhwaza uMama ukuze avakale ngaphaya kwaloo mculo.

“Ewe, torho, ndingayivuyela inkukhu, ngokunjalo neglasi yesiselo esibandayo,” wakhwaza.

UMama wabefunyeke. Waya emthini omkhulu wemengo osekoneni yegadi. UmntakwaboZahara, uDavid nomhlobo wakhe omkhulu, uLebo, babedlala apho kuloo masebe omthi.

“David,” watsho uMama, “utyiwe nguwe umlenze wenkukhu?”

“Owu kwakuhle, sele ilixesha lesidlo sasemini?” wabuza uDavid. “Sesilambe kakhulu.”

“Utyiwe nguwe na umlenze wenkukhu?” waphinda wabuza uMama.

“Hayi, Mama,” watsho uDavid.

“Khangawutye,” watsho uLebo. “Okokhona besidlala kunye apha emthini.”

UMama wabuyela endlwini. Wayequmbe esisifu. “Xa kungekho mntu owutyileyo umlenze wenkukhu,” watsho. “Makube uphi ke?”

“Mhlawumbi linenekazi lasevenkileni eliwuthathileyo,” wacebisa ngelitshoyo uZahara.

UMama waqhwaba izandla. “Kunjalo kanye! Nantso into eyenzekileyo! Inenekazi lasevenkileni elithengisele uMakhulu inkukhu lifanele ukuba lilo eliwutsale loo mlenze lawunika omnye umntu.”



“Tyhini hayi ke ngoku,” wakhala ngelitshoyo uMakhulu. “Ndimcele ukuba andithengisele inkukhu egcadiweyo epheleleyo. Ndihlawulele inkukhu egcadiweyo epheleleyo, kodwa ngoku yena uyazithathela enye yayo. Ngoku inyama yethu ayisayi kusanela isidlo sasemini.” Waqala wakhala ngoku uMakhulu.

Wayelusizi kakhulu uZahara kukubona uMakhulu ekhala waze naye waqalisa ukukhala. Oko kwamkhatheza uMama. Baze bobathathu bahlala phantsi bakhala, bakhala, bakhala.

UMama wafinya waze wasula amehlo akhe. “Ayinakuba njalo loo nto!” watsho. “Oobhazabhaza beevenkile abavumelekanga ukwenza oko. Siza kubuyela evenkileni, sibaxelele ukuba bafanele ukusinika enye inkukhu egcadiweyo.”

Ngoko ke, uMama, uMakhulu noZahara banduluka ukuya kubhazabhaza wevenkile, waze uMalume uJoe wasala ebeke iliso kuDavid noLebo.

“Ndicela ukuthetha nomphathi,” watsho uMama bakufika apho. Wayethetha ngelizwi lakhe elinomsindo, waze umphathi weza ebaleka.

“Ndingakunceda ngantoni, Nkosikazi?” wabuza umphathi.

“Kukho umntu othathe umlenze kwinkukhu yethu!” bakhwaza uMama, uMakhulu kunye noZahara ngaxeshanye.

“Yinto embi kakhulu leyo,” watsho umphathi. “Ndiza kubiza inenekazi elisebenza kwikhawuntara yeenkukhu ezigcadiweyo.” Wasebenzisa umnxeba wonxibelelwano lwangaphakathi waze wathi, “Nenekazi leKhawuntara yeeNkukhu eziGcadiweyo, Nenekazi leKhawuntara yeeNkukhu eziGcadiweyo, nceda yiza kwiofisi yomphathi ngokukhawuleza.”



UMama wayengqisha-ngqisha ngesithende ngethuba elindile. Kwangoko inenekazi leKhawuntara yeenkukhu ezigcadiweyo lafika libaleka. “Ndinganinceda?” labuza.

“Lo mthengi uthi wena ukhuphe umlenze kwinkukhu yakhe egcadiweyo,” watsho umphathi.

“Hayi, andikhange ndikwenze oko,” latsho inenekazi. “Ndifake inkukhu egcadiweyo epheleleyo ebheginini ndaze ndayinika uMakhulu.”

“Hayi bo, hayi, hayi, hayi!” watsho uMama. “Ndithe xa ndivula ibhegi ebinenkukhu ekhaya wabe ungekho umlenze!”

Inenekazi langcangazela, zagungquza izihlangu zalo. “Khangawutye, ndiyakuthembisa, andikhange,” latsho njalo.

Umpathi wayenomsindo kakhulu. “Phathela aba bantu enye inkukhu egcadiweyo ngokukhawuleza,” wakhonya. “Makhulu, ndiza kukunika enye inkukhu egcadiweyo epheleleyo simahla, kunye nekeyiki yetshokolethi, yokucela uxolo.”



Lisaqhubeka nakwiphepha le-15.

From page 13.




So, Mama, Granny and Zahara went home with a whole new roast chicken in a white bag, and a big chocolate cake in a box.

When they got home, Daddy was back from work. "Where have you been?" he asked. "Why haven't you had lunch yet?"

So Zahara told him the whole story. She was very surprised to see Daddy looking so shocked.

"Oh no," said Daddy. "I've done a terrible thing. I took the drumstick as I was leaving for work. I was hungry, and it smelled so good."



"Oh no," cried Mama. "I got that poor woman at the supermarket into trouble for nothing."

"And I put the idea in your head that she might have taken it," said Zahara. "Oh no!"

So, Daddy, Mama, Granny and Zahara packed the second roast chicken and the chocolate cake into a packet, and they went all the way back to the supermarket. When they got there, they went straight to the manager's office.

The manager was so worried when he saw them – AGAIN! "Oh no, what is wrong now?" he said to himself. "That woman is going to shout at me again."

But Mama didn't shout.

"We're very, very sorry," said Mama, Granny, Daddy and Zahara.

"It's all my fault," said Daddy. "I was hungry. I took the drumstick. Please call the woman from the roast chicken counter."

The manager picked up the intercom. "Roast Chicken Counter Woman, Roast Chicken Counter Woman, please come to the manager's office urgently."

The woman from the roast chicken counter looked very scared when she saw Mama, Daddy, Granny and Zahara. "Please, don't fire me," she said to the manager.

But Daddy took out his wallet and gave the manager the money for the roast chicken and the chocolate cake. Then he gave the woman the packet. "Here you are," he said. "I'm sorry we got you into trouble. Please enjoy these."

The woman was very pleased to have a chicken and a cake for her lunch. But Zahara was disappointed. "You gave away the chocolate cake," she said.

So Daddy took out his wallet again and bought another roast chicken and another chocolate cake.

After lunch everyone had a slice of cake – Mama, Daddy, Granny, Uncle Joe, Zahara, David and Lebo. But the biggest slice of all went to Zahara, because she was Daddy's special girl.

Liqhubeka, lisuka kwiphepha le-14.




Ngoko ke, uMama, uMakhulu noZahara bagoduka bephethe enye inkukhu egcadiweyo ephelileyo ekwibhegi emhlophe, kunye nekeyiki yetshokoletshi enkulu esebhokisini.

Ukufika kwabo ekhaya, bafumanise ukuba uTata ubuyile emsebenzini. "Beniphi?" wababuza. "Kutheni ningekasityi nje isidlo sasemini?"

UZahara ke ngoko wamxelele lonke ibali. Wamangaliswa kukubona uTata ekhangeleka othuke kakhulu.

"Owu thiza," watsho uTata. "Ndenze into embi, umlenze ndiwuthathe ngokuya bendisiya emsebenzini. Bendilambile, futhi nenkukhu ibinuka kamnandi."



"Hayi bo," wakhala uMama. "Ndifake inenekazi elimsulwa engxakini evenkileni ngento engekhofoyo."

"Mna ke ndifake uluvo engqondweni yakho lokuba mhlawumbi lilo eliwuthathileyo lo mlenze," watsho uZahara. "Owu thiza!"

Ngoko ke uTata, uMama, uMakhulu noZahara bapakisha inkukhu yesibini egcadiweyo kunye nekeyiki yetshokoletshi ebhegini, banduluka bonke ukubuyela kwasevenkileni. Bakufika khona, baya ngqo eofisini yomphathi.

Umphathi waxhalaba akubabona – KWAKHONA! "Hayi bo, konakele phi ngoku?" wazibuza. "Laa nkosikazi iza kuphinda indingxolise kwakhona."

Kodwa uMama zange angxole.

"Sicela uxolo kakhulu, kakhulu," watsho uMama, uMakhulu noZahara.

"Yimposiso yam yonke le," watsho uTata. "Bendilambile. Ndim othathe umlenze. Nceda ubize inenekazi lekhawuntara yeenkukhu ezigcadiweyo."

Umphathi waphakamisa umnxeba wonxibelelwano lwangaphakathi, "Nenekazi lekhawuntara yeeNkukhu eziGcadiweyo, Nenekazi lekhawuntara yeeNkukhu eziGcadiweyo, nceda yiza kwiofisi yomphathi ngokukhawuleza."

Inenekazi lekhawuntara yeenkukhu ezigcadiweyo lalikhangeleka lisoyika kakhulu lakubona uMama, uTata, uMakhulu noZahara. "Nceda torho, ungandigxothi," litshilo kumphathi.

Kodwa uTata wakhupha isipaji sakhe wanika umphathi imali yenkukhu egcadiweyo neyekeyiki yetshokoletshi. Waze wanika inenekazi ipakethe. "Bamba apha," watsho. "Ndicela uxolo ngokuba sikufake enkathazweni. Uncede uzonwabele ezi zinto."

Inenekazi lalivuya kakhulu kukuba nenkukhu kunye nekeyiki ngesidlo sayo sasemini. Kodwa uZahara wayedanile. "Ude umphe nekeyiki yetshokoletshi," watsho uZahara.

Ngoko ke uTata waphinda wakhupha isipaji kwakhona wathenga enye inkukhu egcadiweyo nenye ikeyiki yetshokoletshi.

Emva kwesidlo sasemini wonke umntu wafumana isilayi sekeyiki – uMama, uTata, uMakhulu, uMalume uJoe, uZahara, uDavid noLebo. Kodwa esona silayi sikhulu sanikwa uZahara, kuba wayeyintombazana ethandwa kakhulu nguTata.

# Nal'ibali fun

## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

1. Find the following things from the story, *Swimmy*, in the wordsearch block.

- ANEMONES
- EEL
- FISH
- LOBSTER
- MEDUSA
- ROCKS
- SEaweEDS
- TUNA

T	R	E	T	S	B	O	L	L
U	M	E	D	U	S	A	U	H
N	E	L	R	O	L	R	T	N
A	N	E	M	O	N	E	S	E
H	F	I	G	J	C	W	H	C
S	G	N	E	Q	V	K	X	S
I	K	P	D	L	O	B	S	T
F	S	E	A	W	E	E	D	S


Khangela izinto ezilandelayo ebalini, *UMasidade*, kwibhloko yokukhangela amagama.

- IANEMONI
- IMPALANGA
- INTLANZI
- UNONKALA
- IGONGQONGQO
- AMATYE
- UKHULA
- ITYHUNA

B	A	G	N	A	L	A	P	M	I	O
U	N	O	N	K	A	L	A	A	Q	Z
S	L	U	I	M	A	N	O	G	W	A
E	Z	I	N	T	L	A	N	Z	I	D
M	A	G	O	B	M	O	T	A	Q	R
G	U	Q	M	G	Q	O	M	O	U	K
I	E	D	E	G	A	M	A	L	K	U
B	O	N	N	I	T	H	E	N	H	S
L	U	O	A	M	A	T	Y	E	U	I
N	G	A	I	L	A	N	G	A	L	L
I	M	L	I	T	Y	H	U	N	A	E

2. In *Granny's roast chicken*, Zahara gets a large slice of chocolate cake. What is your favourite cake? Draw a slice of it on the plate.

Kwibali elithi, *Inkukhu egcadiweyo kaMakhulu*, uZahara ufumana isilayi esikhulu sekeyiki yetshokoletshi. Wena yeyiphi eyona keyiki uyithanda kakhulu? Zoba isilayi sayo epleyitini. Fakela namazwi ambalwa okanye izivakalisi ecaleni kwesilayi sakho sekeyiki ukuze uyichaze.



Find out how to become a FUNda Leader on the Nal'ibali website ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)) or mobisite ([www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)), or by calling the Nal'ibali call centre on 02 11 80 40 80.



Visit us on Facebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)  
Sindwendwele kwikhasi lethu likaFacebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

Khangela indlela yokuba yiFUNda Leader kwiwebhusayithi kaNal'ibali ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)) okanye kwimobhisayithi kaNal'ibali ([www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)), okanye ufowunele kwiziko loqhagamshelwano likaNal'ibali 02 11 80 40 80.

Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.